higher education & training

Department:
Higher Education and Training
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**NATIONAL CERTIFICATE (VOCATIONAL)**

# ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO

(Iphepha lokuqala)

**NQF LEVEL 4**

(4101244)

**2 November 2022 (X-paper)**
**09:00–11:00**

**Olu viwo lunamaphepha a-13.**

**IXESHA: 2 IIYURE**
**AMANQAKU: 140**

**IMIYALELO NEMIQATHANGO**

1. Eli phepha linamaCANDELO AMAHLANU.

   ICANDELO A: Uvavanyo Lokuqonda (30)

   ICANDELO B: Ushwankathelo (10)

   ICANDELO C: Okubonwayo (30)

   ICANDELO D: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (40)

   ICANDELO E: Ulwimi olusetyenziswa kunxibelelano (30)

2. Phendula yonke imibuzo.

3. Qala icandelo ngalinye kwiphepha elitsha.

4. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kweli phepha.

5. Qwalasela ixesha ekuphenduleni imibuzo.

6. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISAKHONO SAM SALOLWA EBETHEL EGCUWA**

1. UNoxolo Grootboom wangena kwiSABC njengomchwethezi,waqala ukungena kwigumbi leendaba encedisa kubavelisi. UGrootboom uthi kangangokuba ebewuthanda umsebenzi wakhe, bekuvele kube ngathi akusi ukuze ayokuphangela. 'Bendiwuthanda kakhulu lo msebenzi ndiwulangazelela, ndisenza into endiyithandayo. Nokuba ndiyagoduka, ibivele kube ngathi akusasi ukuze ndiphinde ndibuyele emsebenzini. Ndicinga kufanele kube kanti kunjalo, xa usenza into oyithandayo kubakho la nto ikutshutshumbisayo, ikunika umfutho'. Kodwa lo makhwekhwetha uthi udumo alufumene ngethuba lokupapashwa komhlalaphantsi yinto ekunzima ukuphefumla ngayo kuba ebengasebenzeli kuduma. 'Mna bendisenza umsebenzi wam, ofanelekileyo. Yintoni le ingaka endiyenzileyo? Mna xa ndisenza into andihanahanisi, ndiyenza ngokugqibeleleyo. Andiyazi ukuba ndenze ntoni ukuze ndifanelwe zezi zinto zithethwayo ngam, 'kutsho uGrootboom'.

2. Lo makhwekhwetha, ethetha ngokubaluleka kolwimi lwesiXhosa, uthe: 'IsiXhosa ndiqale ukusixabisa ngokufumanisa into yokokuba siyandiphilisa, sibeka ukutya etafileni. kwaye sifundisa abantwana bam. 'Igqala kufundo lweendaba zesiXhosa kumabonakude uNoxolo Grootboom, uthi omele emqaleni malunga nothando olubonakaliswe luluntu kuye, kodwa watsho esithi yena ebesenza nje umsebenzi wakhe engagxeleshanga udumo. UGrootboom, ozalelwe eCacadu eLady Frere kwelaseMpumakoloni, ze wakhulela eBhofolo, uthabathe umhlalaphantsi emva kokusebenza kwiSABC iminyaka engamashumi amathathu anesixhenxe. Encokolela I'solezwe lesiXhosa, uGrootboom uthe, nangona nje yayingelophupha awakhula enalo ukusebenza kumabonakude, kodwa isiphiwo anaso, sokukwazi ukubika ibali futhi aviwe xa elibika, salolwa ngethuba efunda kwisikolo samaSabatha uBethel College eGcuwa. 'EBethel College sasinikwa amaqonga okuthetha phambi kwabantu, kulapho isiphiwo sam salolwa khona, 'kutsho uGrootboom'.

3. UGrootboom ezinye zezinto awayezithetha eBethel xa enikwe iqonga ebeye akhunjuzwe ngabantu awayezithetha kubo, ngoku sele ehlala eRhawutini. 'EBethel College kwakuye kukhethwe abantu bokukhokela isikolo samaSabatha, kuthiwe ke ziiSabbath School Superintendents. Nam ke ndalinikwa elo thuba. Xa ke uyiSabbath School Superintendent, lo nto ithetha ukuba uyakhokela futhi ufundise ngexesha lesikolo seSabatha. Kulapho ke esi siphiwo sam sathi savunjululwa khona, 'utshilo uGrootboom'.

4. Ukufunda iindaba, uqale mhla kwagula uThandi Mesatywa owayefunda iindaba zesiXhosa kulo msasazi woluntu. 'Kwenzeka ukuba kwicandelo leendaba zesiXhosa, usisi Thandi Mesatywa agule, ndaze ndacelwa into yokokuba ndiyokubambela usisi Thandi. Ndazifunda iindaba kusuku lokuqala, ndafumana ifowuni evela kusisi Thandi. Into awayithethayo yandikhalisa iinyembezi, kuba wathi 'Noxolo, akukho apho uya khona, nantsi indawo obubekelwe yona. 'Usisi Thandi zange athi ndiza kumthathela umsebenzi wakhe', utshilo uGrootboom, ethetha necandelo leendaba leSABC. 'Lo msebenzi wokuba ngunondaba, usenza sithi qelele kwiintsapho zethu. Eminye imitshato iqhekeke ngenxa yalo msebenzi. kodwa owam umzi useluqilima. Utata wekhaya wenze ngako konke okusemandleni ukuba apho ndisilela khona avale, abantwana bangeva ukuba ubushushu bukamama abukho ngamaxesha athile. Okwangoku ndifuna ukuba yinkosikazi kumyeni wam, umama kubantwana bam, ndifuna ukuba ngumakhulu kubazukulwana bam. Mhlawumbi ke emva kweenyanga ezintathu ndingaphendula ukuba ndiza kwenza ntoni'.

5. IBhodi yeeLwimi zoMzantsi Afrika, iPanSALB, iliqhwabele izandla igalelo likaGrootboom kulwimi lwesiXhosa. 'Lo ngumsasazi obesaziwa nalolusebeleni kubasasazi beendaba zesiXhosa zeSABC kumabonakude, bemnkqangaza ngegama xa bembiza. Ube sihombisa isiXhosa asitsho sibe yokoyoko, asityebise sibe teketeke, athi ongasaziyo avuz'izinkcwe'. Le nto ilulwimi ke kambe bubugcisa bomlomo. Ulwimi luzotywa luphiliswe ngobugcisa bokukwazi ukucikoza nokucivotha, nto ezo zisisiphiwo esingafundelwa ndawo. Asikho isikolo samaciko, amaciko ayazalwa ngokweenkosi', utshilo obambele njengeNgqonyela (CEO), yePanSALB, uXolisa Tshongolo.

[Sithatyathwe kwiSolezwelesixhosa.co.za/iindaba/noxolo ngoncedo lukaGoogle, saze sahlelwa]

1.1 Nika igama leli nenekazi kuthethwa ngalo apha kwesi sicatshulwa. (1)

1.2 Lo mntu umbhale ku 1.1 uzalelwe phi? (1)

1.3 Ngokwesicatshulwa uthi savunjululwa phi esi sakhono sakhe sokufunda iindaba ngolu hlobo? (1)

1.4 Chaza izinto zibe Mbini ezazisenziwa ngabafundi baseBethel ezaziphuhlisa izakhono zabafundi bale kholeji. (2)

1.5 Nika intsingiselo yeli gama, 'igqala'. (2)

1.6 Ebesebenzela eliphi ijelo losasazo? (2)

1.7 Ibiyintoni umsebenzi wakhe ngexesha athatha umhlala phantsi? (1)

1.8 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi:

UGrootboom waqala eSABC ngo 1983 esebenza njengo …

A UNondaba

B Umchwethezi

C Mabhalana

D Umlinganisi (1)

1.9 Chaza isiganeko esathi senzeka ukuze aqale umsebenzi wokuba ngunondaba? (2)

1.10 Waziva njani emva kokufumana umnxeba osuka kuThandi Mesatywa? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.11 Khetha ibinzana elibonisa ukuba ulwimi lwesiXhosa lubalulekile. (2)

1.12 Bhala isithethantonye segama elibhalwe ngqindilili kwisivakalisi esingezantsi:
Kodwa owam umzi **useluqilima.** (2)

1.13 Nika izinto zibe ntathu athi uNoxolo ufuna ukujongana nazo emva kokuba ethathe umhlalaphantsi. (3)

1.14 Khupha isibizo esimbaxa kumhlathi wandule uchaze izigaba zentetho ekwakhiwe kuzo isibizo. (3)

1.15 Lizisa yiphi intsingiselo ibinzana elibhalwe ngqindilili **'athi ongasaziyo azive vuz'izinkcwe'** (2)

1.16 Caphula igama kwisicatshulwa elibonisa ukuba lo nondaba ebesaziwa nguye wonke umntu. (2)

1.17 Chonga ibinzana elibonisa ukuba uNoxolo unako ukuwugxeka lo msebenzi wonondaba. (2)

1.18 Ngokwesicatshulwa usebenze iminyaka emingaphi uNoxolo kweli qumrhu? (1)

1.19 Nika igama leBhodi eliqhwabela izandla igalelo lika Noxolo kulwimi lwesiXhosa. (2)

1.20 Ngqina ukuba uNoxolo ebasaziwa ngabantu ngokuthi ucaphule isivakalisi esikungqinayo oko apha kwisicatshulwa. (2)

1.21 Ucinga ukuba lo kaGrootboom uthathe isigqibo esisiso ngokuthatha umhlalaphantsi ? Xhasa impendulo yakho. (3)

1.22 Ingaba uyangqinelana nentetho kaNoxolo xa esthi eminye imitshato iqhekekile ngenxa yomsebenzi awenzayo? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.23 Yeyiphi indima edlalwe liqabane likaNoxolo ukukhusela umtshato wabo ekuqhekezweni ngumsebenzi wenkosikazi yakhe? (2)

1.24 Nika isithetha- ntonye seli gama, Umakhwekhwetha. (2)

1.25 Nika igama lebambela njengengqonyela likaPanSALB. (1)

1.26 Ucinga ukuba esi sicatshulwa singayitshintsha indlela obukade ucinga ngayo ngolwimi lwesiXhosa? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.27 Wena ingaba ufunde ntoni kwesi sicatshulwa? (2)
**[50]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 50**

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

### UMBUZO 2

Funda esi sicatshulwa silandelayo wandule usishwankathele:

**BHIYOZELA UKWAHLUKA KWAKHO**

URalph Emerson wathi 'Musa ukulandela apho indlela ikusa khona, endaweni yoko khetha indawo engenayo indlela ukuze ushiye umzila.' Impumelelo ilele ekonwabeleni ukwahluka kwakho. Yonwabela ukuba nguwe, uzidle ngeyona ndlela eyakwenza ukuba ube ngumntu osoloko ekhululekile ngalo lonke ixesha. Ubomi bufuna umntu ozithembileyo, ozamkelayo neziphako zakhe, kuba akukho nzwana ingenasiphako.
Fumana eyona nto uyithandayo uze uyilandele. Cingisisa yintoni onokuyenza iiyure ungadinwa kwaye ungapheli mdla? Ngokwenza njalo uzama ukukhangela olona bizo lwakho ebomini. Eyona nto ufuna ukuba yiyo okanye ibe ngumsebenzi wakho uye uyiqonde uselula. Liphupha lakho ke elo, lithande uzithembe kulo ulilandele ngalo lonke ixesha.

Xa sele uyifumene eyona nto uyithandayo, yikhathalele. Ibalulekile ke loo nto kuba xa ungayenziyo iza kufa. Into oyithandayo ifuna ukunkcenkceshelwa njengesityalo ukuze ikhule. Ukuyondla kuthetha ukuzidibanisa neendawo nabantu abaza kuphuhlisa isiphiwo sakho. Funa ulwazi oluphangaleleyo ngale nto uyithandayo. Ulwazi luvula ingqondo yakho, khumbula ulwazi oluncinci luyingozi. Funda wongeze ulwazi ngakumbi ukuze unqandwe ziinkwenkwezi kwiphupha lakho.

Thatha imingcipheko kuba akusoze tu ukwazi ukuhlahla indlela yakho ngaphandle kwayo. Xa kungekho mingcipheko apho ukhoyo, yazi mhlophe ukuba umvuzo uza kuba mncinane kakhulu. Yiba nomonde. Zingisa kanye kwisiphiwo sakho. Umzingisi akanashwa,musa ukuphila ubomi obungaphantsi kobu ubudalelweyo. Bulela ukuphila, nokuba nguwe hayi omnye umntu. UYehova usidale sohluka ngenjongo yakhe. Libalulekile ixesha lokuthi enkosi kubomi esibuphilayo.

[Sicatshulwe kwiBONA magazini, Septemba 2016; Iphepha 60 saze sahlelwa]

1. Chonga iingongoma eziphambili ubude bungadluli kuma-70 amagama.

2. Zidwelise ngendlela ehambelanayo, ngamazwi akho ungawulahlanga umxholo.

3. Upelo. Iimpawu zobhalo nokusetyenziswa kolwimi maluchaneke.

4. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ezantsi kwesishwankathelo.

**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 20**

## ICANDELO C: OKUBONWAYO

### UMBUZO 3

Qwalasela esi sibengezo ntengiso uze uphendule imibuzo.




3.1 Nika igama lenkampani ekhuphe esi sibhengezo – ntengiso singasentla. (2)

3.2 Zeziphi ezi nkonzo bagqwesileyo kuzo? (2)

3.3 Ungaqhagamshelana nabo njani xa ufuna ezi nkonzo? (2)

3.4 Sibhekiselele koluphi udidi lwabantu esi sibhengezo- ntengiso? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.5 Khetha impendulo echanekileyo kwesi sivakalisi singezantsi: (1)
U*ABC* okwisilogani usetyenziselwe ukunika intsingiselo ethi …

A Ukucoca kule kampani yinto engenamsebenzi.

B Ukucoca kule nkampani kufunyanwa ludidi oluthile lwabantu.

C Ukucoca kule nkampani kwenziwa kanye ngenyanga.

D Ukucoca kule nkampani yinto elula.

3.6 Kuvuselela eyiphi ingcinga ukusetyenziswa komfanekiso womntu ongumama kwesi sibhengezo-ntengiso? Xhasa impendulo yakho (3)

3.7 Sithini islogan sale nkampani? (2)

3.8 Xela izinto zibe Mbini ababonakala ngazo abasenzi bale nkampani. (2)

3.9 Chonga ibinza elithetha ukuba azikho ezinye iinkonzo eziphucukileyo kunale. (1)

3.10 Ucinga ukuba singalunceda njani uluntu esi sibhengezo ntengiso? (2)

3.11 Ucinga ukuba wena ungazisebenzisa ezi nkonzo zale nkampani? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.12 Kutheni umbhali wesi sibhengezo ntengiso isihloko esibhale ngoonobumba abakhulu? (2)

3.13 Ulwimi olusetyenziswe kwesi sibhengezo - ntengiso …

Khetha impendulo echanekileyo kwezi:

A Lundilisekile

B Lukrwada

C Luyaqhatha. (1)

3.14 Iinombolo zomnxeba kwintengiso zenzelwa ukuba …

Khetha impendulo echanekileyo kwezi: (1)
**[25]**

## ICANDELO D: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### UMBUZO 4

Qwalasela le khathuni uze wandule uphendule imibuzo.

2.1




4.1 Zingaphi izakhelo zale khathuni? (1)

4.2 Chaza imo eveliswa lulwimi lomzimba lomlinganiswa ngamnye kwisakhelo – 2. Xhasa impendulo yakho. (6)

4.3 Ingaba impendulo ekwisakhelo – 2 imveza njengomlinganiswa onjani umniniyo? (2)

4.4 Ingaba luvelisa oluphi uvakalelo ulwimi lomzimba olukwisakhelo – 3? (2)

4.5 Kutheni isithethi sisebenzisa eli gama, 'ungofileyo' kwisakhelo sesi – 3? (2)

4.6 Ukuba ubusesi sithethi sikwisakhelo – 3 ubunokuthini ukunqanda ukungalawuleki komzukulwana wakho? (2)

4.7 Ucinga ukuba ukumka kukaMushe kumncedile? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.8 Sibe yintoni isiphumo sokufundiswa nokuhlala endlwini? (2)

4.9 Xela unxulumano oluphakathi kwebinzana 'abahlobo benene' kunye nebinzana 'ukukhathalelana'. (2)

4.10 Uthini umyalezo odluliswa yile khathuni ngabantwana? (2)

4.11 Ingaba aba bantu bakule khathuni baphila kweliphi ixesha? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 50**

## ICANDELO D: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### UMBUZO 5 IPROZI

Funda lo mhlomlo ulandelayo wandule ukuphendula imibuzo.

Hayi, andenzanga nto.' Yabuya impendulo seyingcangcazela kakade.
'Ngubani ebethe wenze ntoni?' Ndajika kancinci ndawathi tshe eze ngomva, sengathi aza kumdla ngamazinyo lowo ayembiza, loo nto impi le ithethela phezulu.
'Ndiyabona ulaqaza gqitha. Akukhange ubone indoda ende ephothe iinwele ngathi ngumfazi'. Yabuya impendulo ikhawulezile isithi, hayi.

'Ubuza kumbona njani uqhunywe nokuqhunywa nje? Iphi idompasi yakho?' wathi esathi ikho isezimpahleni ebhasini enguzibani, wabe erhuqwa ekhonkxwa, naako kusimkiwa naye. Thina sashiyeka sithe shwace, cwaka, kungekho noncwinayo.
'NdinguNcibane mna mnt' omkhulu'. Ndatsho ndibeka phantsi isiqhuma sempahla, xibilili idyasi eyayiphantse ukundinqumla umphefumlo ngevumba lomsi necuba, ndamnika. Wothuka ngathi ebelele umfo omkhulu, utywala sebuphele tu entloko.

Ndithe ndizama ukumthethisa wathula wathi cwaka, wathatha iimpahla zakhe. Amazwi abulelayo nabulelela yena avela macalana onke. Bavela babaninzi nooCirha ngoku phakathi kwaloo mpi, nabanye abendisele iintombi zabo emaCirheni. Kanene amaXhosa ngokuthanda ukuzalana, ndacinga ndenjenjalo. Emva kwethutyana amapolisa eye kutshonela, ndiyalele umhlobo wam wedyasi owayengasathethi ngoku ukuba makagcine indawo yam, ndiyabuya, gwiqi ndahamba ndajongisa amabombo ngasesitishini. Xa ndithe qelele kubo ekubeni ndiwuthulile umnqwazi, ndive omnye ebuza ukuba asinguye na lo mfo ufunwa ngamapolisa na lo, ndabe ndiqonda ukuba ukhombe kum. Kunani ukujika, chuu ndingangxamanga, galakangqa esitishini, ndalinda endaweni esabusethunzini.

[Sithatyathwe kwincwadi ethi, Ukhozi olumaphiko kaNcedile Saule, saze sahlelwa]

5.1 Nika isininzi segama elibhalwe ngqindilili kwisivakalisi esingezantsi wandule ulisebenzise kwisivakalisi:

Akukhange ubone **indoda** ende ephothe iinwele ngathi ngumfazi? (3)

5.2 Lisesiphi isigaba sentetho igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi?

Ndajika kancinci ndawathi <u>tshe</u> eze ngomva sengathi aza kumdla ngamazinyo lowo ayembiza. (2)

5.3 Sisetyenziswe njani isimelabizo esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisivakalisi esilandelayo:

<u>Loo</u> nto impi le ithethela phezulu. (2)

5.4 Chaza isimamva esibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi siphuhlisa ntoni:

Ndithe ndizama ukumthethi**sa** wathula wathi cwaka, wathatha iimpahla zakhe. (2)

5.5 Bhala esi sivakalisi singezantsi sibe kwimo elandulayo.

Wathula wathi cwaka wathatha iimpahla zakhe. (2)

5.6 Loluphi udidi lwesichazi olubhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi singezantsi:

Ndiyalele umhlobo **wam** wedyasi. (2)

5.7 Khupha izihlomelo kwisivakalisi esingezantsi, uchaze udidi lwazo:

Wathi esathi ikho isezimpahleni ebhasini enguzibani. (3)

5.8 Fakela izimaphambili ezohlukeneyo kwigama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kodwa ingcambu ingatshintshi, uze uwasebenzise kwisivakalisi:

Ndatsho ndibeka phantsi <u>isiqhuma</u> sempahla. (4)

5.9 Lungisa iziphene kwesi sivakalisi singezantsi.

Emva kwethubana amapolisa aye kushonela. (2)

5.10 Chaza ukuba lishiywe phantsi kweyiphi imeko iceba kwigama elibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi:

Ndive omnye umfo ebuza ukuba asinguye na lo **mfo** ufunwa ngamapolisa na lo? (2)

5.11 Nika isithethantonye seli gama likrwelelwe umgca ngaphantsi:

Ndajika kancinci ndawathi tshe amapolisa eze ngomva. (2)

5.12 Nika isiNye sezi zibizo zilandelayo, wandule uzisebenzise kwizivakali.

5.12.1 Iintombi

5.12.2 Amapolisa

5.12.3 OoCirha

(3 × 2) (6)

5.13 Khupha amagama azizimelabizo kwisivakalisi esingezantsi , wandule uchaze udidi lwesimelabizo ngasinye:

Amazwi abulelayo nabulelela yena avela macalana onke. (4)

5.14 Nika isichasi seli gama 'ende'. (2)

5.15 Bhala imo evumayo yegama elibhalwe ngqindilili:

Kunani ukujika, chuu **ndingangxamanga.** (2)

**[40]**

**UMBUZO 6**

2.1 Emzuzwini kuphithizela yavela inqwelo yomoya ikhasa phantsi ilungiselela ukuwunyathela umhlaba ihlanze okuphakathi. Yathi isathi gqi elundini waye selethabathisela umntu ukukhwaza kwacaca zisuka ukuba **ababuthathaka** akungangabo, ukuba abalumkanga kuya kunyathelwa phezu kwabo. Yathi ukuba ime kuvele umdaka onethambo elimhlophe entanyeni kuloo nyambalala yabaMhlophe yayisihla kuloo nqwelo wanga wonke umntu unogezo. Yakha yathi enye inkcuba buchopho yesithethi (psychologist), wonke umntu noxa ekhangeleka ngathi uphilile unaso isifo sempambano koko kushiyana amabakala aso esi sifo. Ukuba wawukho eJan Smuts Airport ngale mini ngowawuyingqinile le nto. Xa ndithi wonke umntu ke, andikhethi bala. Nene nene ukuba ufuna ukumbona nawuphi na umntu ukuba uphambene mqaphele evuyile naxa esemsindweni. Wathi ukuba ehle samhlangabeza isifundisi esasimi kude kufuphi nenqwelo awayesihla kuyo, wayelapho nomfundisi uMaqoma esuke eNxukhwebe ukuze abe ngowokuqala ukumbona unyana wakhe. Babonakala abefundisi besothula iminqwazi bekhahlela beyithi chu ngezandla zokhohlo besolula ezokunene bemxhawula ngabanye bezazisa. Wathi ukuba afike kuMfundisi uMaqoma bawolana bagonana umzuzu. Kuthe ukuba kugqitywe loo mbuliso, bamfunqula bamphakamisa bemjongisa ebantwini. Bahlokoma abantu bephephezelisa iiqhiya zabo bebulisa bekhwaza besithi, 'Yizani naye, nathi siyafuna ukumxhawula'. Wathi akulibona elo lifu leeqhiya liphephezela naye wakhupha eyakhe ebulisa.

[Sithatyathwe kwincwadi ethi, Ukhozi olumaphiko kaNcedile Saule, saze sahlelwa]

6.1 Nika isichasi segama elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

6.2 Nika intsingingiselo yeli gama 'Inkcuba buchopho'. (2)

6.3 Nika amaxesha esiqhaphela ngawo ukuba wonke umntu unempambano ngokwesi catshulwa. (2)

6.4 Nika izimaphambili ezintathu ezahlukileyo zegama 'Isifundisi' (3)

6.5 Isimamva segama 'Bawolana'sibonisa esiphi isixando sesenzi. (2)

6.6 Tolika ekuthethwa leli binzana 'Ihlanze okuphakathi.' (3)

6.7 Lisesiphi isigaba sentetho eligama 'Gqi.' (2)

6.8 Chonga isihlomelo kwesi sivakalisi wandule uchaze nodidi lwaso:

'Ukuba wawukhona eJan Smuts Airport ngale mini ngowawuyingqinile le nto.' (3)

6.9 Lithini igama elitsha leJan Smuts Airport? (2)

6.10 Nika isilanduli segama ngalinye:

6.10.1 Bamfunqula

6.10.2 Bamjongisa

6.10.3 Bamphakamisa

(3 × 1) (3)

6.11 Nika isinye segama 'Iminqwazi' (1)

6.12 Nika isithetha ntonye sesi sikhankanyi 'Ukumxhawula'. (2)

6.13 Loluphi udidi lwesichazi 'Abamhlophe' (1)

6.14 Nika intsingiselo yelibinzana 'Ithambo elimhlophe entanyeni'. (2)

6.15 Sebenzisa iqhalo endaweni yeli binzana 'Kulo nyambalala.' (2)

6.16 Khupha isikhankanyi kwesi sivakalisi silandelayo:

'Yizani naye, nathi siyafuna ukumxhawula.' (2)

6.17 Tshintsha esi sivakalisi silandelayo sibe kwisininzi:

'Wathi akulibona elo lifu leeqhiya liphephezela naye wakhupha eyakhe wabulisa'. (2)

6.18 Fakela isimva u 'kazi' kwesi sibizo 'isifo'wandule uchaze ukuba siphuhlisa ntoni. (2)

6.19 Loluphi udidi lwesimelabizo igama elibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi silandelayo:

Wanga **wonke** umntu unogezo (2)

**[40]**

**AMANQAKU ECANDELO D: 80**
**AMANQAKU EWONKE: 200**